Isalathiso: 20190128-869
Inombolo ye fayili: 12/2/11/5
Imibuzo: V Nyalashe

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lezoPhando: 0002/2019

Iya: KwiiNqununu zazo zonke izikolo ezizimeleyo

Isihloko: IiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo ye*WCED* ngo-2019 kwizikolo ezizimeleyo.

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) sele kulithuba liqhuba iiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo kwiiLwimi nakwiMathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 ukususela ngo-2002. Le nkqubo yaye yanatyiselwa kwiBakala 9 ngo-2010. Iziphumo zinceda izikolo ekuqapheleni iinkalo ezisafuna ukuphuculwa kwanokuba i*WCED* iqaphele iinkalo zekharityhulam ezifuna inkxaso engaphezulu.

2. Izikolo ezizimeleyo zacelwa ukuba zithathe inxaxheba kwinkqubo yovavanyo ukususela ngo-2010. **Izikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali kufuneka zithathe inxaxheba** lo gama izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali zithatha inxaxheba ngokucelwa zona.

3. **Le ngcaciso imfutshane isebenza njengesicelo esisesikweni esiya kuzo zonke izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali** ezinabafundi abangaphezu kwe-10 kulo ngalinye lamaBakala 3, 6 no-9 ukuba lithathe inxaxheba kwiiMvavanyo zeMfundo ze*WCED* ngo-2018. Ezi mvavanyo ziya kuqhutywa yi*WCED*.

4. Kucelwa ukuba uqwalasele ezi nkcukacha zilandelayo zeemvavanyo zika-2019:

    - Uvavanyo luya kuqhuba ukususela nge-**02 ukuya kwi-16 Oktobha 2019.**
    - Iimvavanyo ziya kucwangciselwa usuku olunye kwisikolo ngasinye.
    - Abafundi beBakala 3 baya kuvavanywa kuLwimi nakwiMathematika, ngoLwimi lokuFundisa nokuFunda (*Language of Learning and Teaching* (*LoLT*) lwesikolo (ngesiNgesi, ngeAfrikansi okanye ngesiXhosa).
    - Abafundi bamaBakala 6 no-9 baya kuvavanywa kuLwimi nakwiMathematika, nge*LoLT* yesikolo (isiNgesi okanye iAfrikansi).
    - Amanqaku okupasa zonke iimvavanyo ngu-50%.
    - Iiripoti zezikolo ziya kunikwa zonke izikolo.

5. Ukuba isikolo sakho siye sanomdla ekuthatheni inxaxheba kwiimvavanyo zika-2019, kucelwa wenze oku kulandelayo:

   - Zalisa le fom iqhotyoshelweyo njengendlela yokubonakalisa umdla kwesikolo sakho ekuthatheni inxaxheba kwinkqubo yovavanyo yamaBakala 3, 6 no-9, uyithumele kuMnu Vumile Nyalashe kwifeksi 086 555 3955 okanye uyithumele nge-imeyili apha vumile.nyalashe@westerncape.gov.za **ungadlulanga owe-26 Apreli 2019**.
   - Qinisekisa ukuba iinkcukacha zabo bonke abafundi abakumaBakala 3, 6 no-9 zifakwa kwisistim eyi*Central Education Management Information System (CEMIS)* **ungadlulanga owe-31 Julayi 2019**.

6. I*WCED* ijonge phambili ekuthatheni inxaxheba kwiiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo ye*WCED* ngo-2018 elungiselelwe amaBakala 3, 6 no-9 wezikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-02-12

Igama lesikolo											
INo. ye-*EMIS*											
Ingaba iinkcukacha zomfundi zifakiwe kwi*CEMIS*?							**EWE**		**HAYI**		
Ingaba isikolo sizizalisile sazithumela iisaveyi eziQuphayo neesaveyi zaqho ngonyaka zaso zika-2019 e*WCED*?							**EWE**		**HAYI**		
Ukuba isikolo sakho siza kuthatha inxaxheba, bhala amabakala aya kuthatha inxaxheba kwiimvavanyo ngokumakisha ibhokisi efanelekileyo											
IBakala 3			**IBakala 6**				**IBakala 9**				

IINKCUKACHA EZIFUNEKAYO	**IBakala 3**	**IBakala 6**	**IBakala 9**
Inani leeklasi			
Inani labafundi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* eyiAfrikansi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* esisiNgesi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* esisiXhosa			

.....
Isignitsha yeNqununu

Umhla: .....

Kucelwa ubuyisele ifom ezalisiweyo kuVumile Nyalashe kwi-086 555 3955 okanye uyithumele nge-imeyili apha vumile.nyalashe@westerncape.gov.za okanye ufonele ku-021 467 9350.